Isifundo 7

**Agasti 10–16*

UYesu Nabo Basweleyo

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
Luka 1:46–55, 4:16–21, 7:18–23, Mat. 12:15–21, Mat. 21:12–16, Marko 11:15–19, Isa. 53:3–6.

Indima Yenkumbulo:
"UMoya weNkosi uphezu kwam, ethe ngenxa yoko yandithambisela ukushumayela iindaba ezilungileyo kumahlwempu. Indithume ukuba ndiphilise abantliziyo ityumkileyo, ndivakalise inkululeko kubathinjwa, nokubuyiselwa kokubona kwabaziimfama, ndindulule abaqobekileyo bekhululekile, ndivakalise umnyaka owamkelekileyo weNkosi" *(Luka 4:18, 19).*

Phakathi kwezinye izizathu zokuthabatha imo yomntu, uYesu wayeze ukuze abonise into ayiyo uThixo. Wakwenza oku ngokufundisa, ngokuzinikela kwaKhe, nobomi baKhe; oko kukuthi ngendlela awaxubana ngayo nabantu abaqhelekileyo nje. Ezininzi kwizenzo zaKhe zenza iinguqulelo ezikhawulezileyo eziliguqula ngokwenene ihlabathi ebomini babanye. Eli cala lolungiselelo lukaMesiya lalixelwa kwangaphambili ngabaprofti beTestamente eNdala, ngumama kaYesu uMariya nanguYesu ngokwaKhe xa wayechaza umsebenzi awuthunyiweyo kwintshumayelo yaKhe yokuqala ebhaliweyo (Luka 4). Ukongeza, ababhali beeGospile babekholisa ukusebenzisa ulwimi lweTestamente eNdala ukuchaza oko uYesu wayekwenza njengoko belibalisa ibali laKhe. Ngale ndlela, ubomi bukaYesu babubonwa ngokucacileyo kwisithethe saba baprofeti, kuquka imfesane yabo ngakumahlwempu nabacinezelweyo. Iinkokeli zenkolo phofu, zazimbona uYesu engowoyikekayo. Kumzekelo owoyikekayo wontswelo-bulungisa nenkohlakalo, bambambisa uYesu, wagwetywa ngokungekho mthethweni, wabethelelwa emnqamlezweni. KuYesu, uThixo uyazi ukuba kunjani ukungabikho kobulungisa-kwaye, ekufeni kwaKhe, wakuveza ukoyikeka kobubi. Ekuvukeni kwakhe, kodwa, woyisela ubomi okulungileyo, nosindiso.

** Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Agasti 17.*

Ingoma KaMariya

Cinga ngomboniso: uMariya wayefumene isigidimi kwingelosi uGabriyeli kanye kwiintsuku ezimbalwa ngaphambili. Yayimxelele ukuba uza kuba ngumama kaYesu, uNyana wOsenyanweni. Akakaxeleli nabani kodwa utyelela uElizabhete, isizalwana esineentsuku kunye, naso esasilindele umntwana wommangaliso. Ngembono kamoya, uElizabhete uyaqonda iindaba zikaMariya ngoku uMariya engekabi nalo ithuba lokuthetha nantoni, baza bathi bekunye bavuyela izithembiso nokulunga kukaThixo.

Funda: Luka 1:46–55. Phawula umxube wendumiso phakathi koko kwakulungiselwe yena kuphela-"ngokuba wandenzela izinto ezinkulu uSomandla; malibongwe igama laKhe" (Luka 1:49)—ukuya kwezingumndilili. Kutheni le nto ukudumisa kwethu nokunqula uThixo kuquka kokubini, ukucinezela kwizinto ezizezomntu yedwa kunye nezomndilili?

Yingoma emangalisayo le enokulunga kakuhle phakathi kwendumiso okanye kwimibhalo yabaprofeti bamaHebhere. UMariya uyaphuphuma yingcinga yokumangala nombulelo kuThixo. Ngokucacileyo umbonile uThixo esebenza ebomini bakhe, kodwa ukwakuqonda kakuhle okuthethwa ngokubanzi licebo likaThixo ngesizwe sakhe nohlanga lonke loluntu. Kanti ke, ngokokuqonda kukaMariya, uThixo akanelanga nje ukuba namandla nokufanela ukubongwa, ukwanenceba ebonakala enembeko eyodwa ayinika abathobekileyo, abacinezelweyo, namahlwempu. Ingelosi ingekasuki nokusuka emva kokuba ivakalise kuMariya iindaba ezilungileyo" zokuba nomntwana ngaphambi kokuba avume le ngoma ilandelayo: "Wabawisa abanamandla ezitroneni zabo, wabaphakamisa abathobekileyo. Wahluthisa abalambileyo ngezinto ezilungileo, wabandulula abazizityebi belambatha" (Luka 1:52, 53). Zisuka nje ekuqaleni kwebali lobomi bukaYesu emhlabeni, uvezwa njengomlawuli (jonga uLuka 1:43)—kodwa njengomlawuli wohlobo olwahlukileyo lobukumkani. Njengoko abachazi abaninzi belichaza, ubukumkani bukaThixo awezayo uYesu ukuba abuthambise abumisele babuza kuba "bubukumkani obujongise intloko ezantsi" xa buthelekiswa nocwangciso oluqhelekileyo lwasekuhlaleni bezikumkani zeli hlabathi. Kwiinkcazo esinazo zobukumkani bukaYesu, amagorha nezityebi zeli hlabathi zingabona bancinane, baze abangamahlwempu nabacinezelweyo babe ngabakhululekileyo, "bahluthiswe," baphakanyiwe.

Ukuba ibandla belingaba ngumbono wobukumkani bukaThixo belingenza kakuhle kangakanani ibandla ekubonakalaliseni "ubukumkani obujongise intloko ezantsi" obachazwa nguMariya? Ingafanekiswa njani into enje, kodwa ingabi nankohlakalo kwabazizityebi nabanamandla, ababexhamla kuthando lukaKristu nabo?

Inkcazo Yomgomo KaYesu

Nokuba yayiyindawo emiselwe ukufundwa ngaloo mini okanye uYesu wazifumanela ngenjongo iindima ezifanelekileyo (Isa. 61:1, 2) encwadini esongwayo awayeyinikwe ukuba ayifunde, akuzange kube yingozi nje ukuba ezi ndima zibe yindawo yentshumayelo yaKhe yokuqala. Akwenzekanga ngengozi ukuba ibali lentshumayelo emfutshane kaYesu libe kuLuka 4:16–21—"Namhlanje esi sibhalo sizaliseke ezindlebeni zenu" (Luka 4:21)—liqala ingxelo kaLuka engolungiselelo lukaYesu lwasesidlangalaleni. UYesu wabangathi uqhubeke nomculo wengoma kaMariya yo"bukumkani obujongise intloko ezantsi" kwaye eqalisa ukuyenza ukuba isebenze ekulungiseleleni kwakhe. UYesu—kunye noLuka ekuphindeni kwakhe ibali elingoYesu-wasebenzisa isiprofeto sikaIsaya ukuchaza oko kwakusenziwa nguYesu nawayeza kwenza, kodwa yayiyenye indlela yokubeka oko uMariya wayekuchaze kuma-30 eyadlulayo. Amahlwempu, ababuhlungu, nabacinezelweyo bonke bajongwe ngeliso elilodwa bengabazuza iindaba ezilungileyo ezazisiza noYesu. UYesu wazamkela ezi ndima zikaIsaya 61 njengomsebenzi athunywe wona. Ulungiselelo lwaKhe nomsebenzi waKhe yayiza kuba ngowasemoyeni nophathekayo, kwaye wayeza kubonisa ukuba okwasemoyeni nokwasenyameni akuqelelananga njengoko siye sicinge. KuYesu nakubafundi baKhe, ukukhathalela abantu ngokwasenyameni nangendlela ephathekayo yayiyeyona ndawo incinane yokubakhathalela ngokwasemoyeni.

Funda uthelekise uLuka 4:16–21 nesi-7:18–23. Ucinga ukuba kutheni ukuze uYesu aphendule ngale ndlela? Ungasabela njani kwimibuzo efanayo ngobuThixo nobuMesiya (mthanjiswa) bukaYesu?

Xa uYesu wayethuma abafundi baKhe, umyalelo awabanika wona wawukwahambelana nalo msebenzi. Lo gama babevakalisa ukuba "ubukumkani bamazulu busondele" (Mat. 10:7), imiyalelo eyongeziweyo kubafundi baKhe yayisithi, "Philisani imilwele, hlambululani abaneqhenqa, vusani abafileyo, khuphani iidemon; namkele ngesisa, yiphani ngesisa." (Mat. 10:8). Ulungiselelo lwabo egameni laKhe lwaluza kubonakalalisa lwenze amaxabiso nemithetho-siseko yolungiselelo lukaYesu nobukumkani awayebizela abantu kubo. Abafundi, nabo, babeza kuhlangana noYesu emsebezini azele wona ukuphakamisa abokugqibela, abona bancinane, nabalahlekileyo.

Siwuzinzisa njani nawo lo msebenzi wokushumayela izigidimi zeengelosi ezintathu ezweni elilahlekileyo? Kutheni le nto konke esikwenzayo kufuneka kuhambelane, ngandlela ithile, nokuvakaliswa "kwenyaniso yeli xesha?"

UYesu Uyaphilisa

IiGospile ziphoswe pha napha amabali emimangaliso kaYeu ngakumbi lawo okuphilisa. Njengoko waprofetayo uIsaya, uYesu waphilisa iimfama, wakhulula abo babethinjwe zizifo, maxa wambi emva kweminyaka emininzi yokugula (jonga, umzekelo, Marko 5:24–34, Yohane 5:1–15). Wenza okungaphezu koku: wenza iziqhwala zahamba kwakhoa; waphilisa abaneqhenqa, kungengalizwi kuphela kodwa ngokubachukumisa, "bengcole" benjalo; wajongana needemon ezazithimbe iingqondo nemizimba yabantu; wada wavusa nabafileyo. Singalindela ukuba le mimangaliso yayingokutsala izihlwele nokubonisa amandla waKhe kwisininzi esasinentandabuzo kunye nabagxeki. Kwakungenjalo. Endaweni yoko, uYesu wayekholisa ukunika imiyalelo kwabaphilisiweyo ukuba bangaxeleli bantu ngako. Nangona kubonakala ngokungathi ababesanda kuphiliswa babengakwazi ukuyigcina le miyalelo bazigcinele kubo iindaba ezimangalisayo, uYesu wayezama ukubonisa ukuba imimangaliso yaKhe yayingento ebaluleke ngaphezulu kwento yokubukwa nje. Owona mgomo awayejonge kuwo, yayikukuba abantu bamkele usindiso kuYe. Kanti ke, imimangaliso kaYesu yokuphilisa yayikukubonisa imfesane yaKhe. Umzekelo, ekuyeni ekutyisweni kwama-5 000, uMateyu uyabalisa: "Ephumile ke uYesu, wabona into eninzi yabantu, wasikwa yimfesane ngabo, wayiphilisa imilwelwe yabo" (Mat. 14:14). UYesu wayiva intlungu yabo babe selusizini waza wenza oko wayenako ngabantu awayehlangene nabo ukubanceda wabaphakamisa.

Funda isiprofeto sikaIsaya kuMateyu 12:15–21. Kungaziphi iindlela abathi uIsaya noMateyu bakwayamise oko uYesu wayekwenza nento enkulu kunokuphilisa abambalwa-okanye nokuba ngamakhulu ambalwa-abantu abagulayo?

_____

_____

_____

_____

"Wonke ummangaliso awawenzayo uKristu wawungumqondiso wobuThixo baKhe. Wayesenza wona lo msebenzi owawuxelwe ngenx' engaphambili ngoMesiya; kodwa kubaFarisi le misebenzi yobulungisa yayisisikhubekiso esicacileyo. Iinkokeli zamaYuda zaziyijonge ngokuswela inkathalo okungenamfesane intlungu yoluntu. Kwiimeko ezininzi umona kunye nengcinezelo yazo yenza ukubandezeleka okwakhululwa nguYesu. Ngoko ke, imimangaliso kuzo yayilungcikivo."—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade,* iph. 406. Imimangaliso yokuphilisa kaYesu yayizizenzo zemfesane nobulungisa. Sekunjalo, kuzo zonke iimeko, yayingesiso isiphelo yona ngokwayo. Ekugqibeleni, konke awakwenzayo uKristu kwakunenjongo yokukhokelela abantu ebomini obungunaphakade (jonga Yohane 17:3).

Lwesithathu

Agasti 14

Ukucoca ITempile

Xa sifunda amabali kaYesu kwiiGospile, sikholisa ukutsalwa yimifanekiso yobulali bukaYesu-ukukhathala ngabagulayo nabantwana, amabali waKhe okufuna abalahlekileyo, nokuthetha kwaKhe ngobukumkani bukaThixo. Oku kunokuba sisizathu sokuba amanye amabali apho simbona esenza ngokunyanzelisa nangoburhabaxa-ngakumbi ukuchasa iinkokeli zenkolo zemihla yaKhe kunye nezinye izenzo zazo-asuke asothuse.

Funda: Mateyu 21:12–16, Marko 11:15–19, Luka 19:45–48, noYohane 2:13–17. Yintoni ebalulekileyo ngento yokuba la mabali afanayo abaliswa kuzo zonke iingxelo zeeGospile?

_____

_____

Akumangalisi ukuba esi siganeko sifakwe kwiGospile nganye. Libali elizaliswe ngumdlalo, isenzo, novelwano. UYesu wayekhathazeke ngokuphandle kukusetyenziswa kwetempile ngale ndlela nangokubekwa endaweni yonqulo lwenene ukuthengiswa kwezilwanyana zeminikelo. Ukungcoliswa okunjalo kwako konke oko loo mibingelelo yayikumele, ukufa kwaKhe okwakumi endaweni yezono zehlabathi! Isenzo esingqale ngolo hlobo sihambelana twatse nesithethe sabaprofeti bamaHebhere. Le ngongoma ibonakala kwiingxelo ezikwiGospile nganye ngoYesu okanye ngababhali beGospile becaphula kuIsaya, Yeremiya, okanye kwiiNdumiso ukuchaza oko kwakusenzeka kweli bali. Abantu bambona uYesu njengomprofeti (jonga Mat. 21:11) baza beza kuye ngexesha wayephilisa efundisa etempileni emva kokuba egxothe abathengisi nabananisa ngemali. Yayingabantu abazuza ukuphiliswa kwinkcukumiso yaKhe nethemba likhula ezintliziyweni zabo xa bephulaphule imfundiso yaKhe. Iinkokeli zenkolo nazo zamamkela uYesu njengomprofeti, engumntu oyingozi kwigunya lazo nokuzinza kohlelo lwazo lwasekuhlaleni, zaza zemka ukuya kuceba ukumbulala, kanye ngale ndlela ababengaphambi kwazo baceba ukuchasa abaprofeti kwiinkulungwane ezadlulayo. (jonga oku kuthelekisa kuLuka 19:47, 48).

Singamalungu ebandla, singayidlala njani eyethu indawo ukuqinisekisa ukuba amabandla ethu asekuhlaleni awasokuze abe zindawo ezidinga oko itempile yayikudinga ngemihla kaYesu? Singaziphepha njani ezi ngozi zasemoyeni? Zinokuba zeziphi ezinye zazo, xa sicinga?

_____

_____

Umnqamlezo KaKristu

Into yokuba uThixo unguThixo obona ave izikhalo zamahlwempu nabacinezelweyo iyathuthuzela. Into yokuba uThixo unguThixo, kuYesu, uthe wayiva wanyamezela inkhohlakalo embi kakhulu yomhlaba wethu, ingcinezelo, nentswelo-bulungisa iyamangalisa. Sele kukho konke, imfesane nokulunga, uYesu awakubonisa ebomini baKhe nasemsebezini waKhe, ukufa kwaKhe kwabakho ngenxa yentiyo, umona, nentswelo-bulungisa. Ukusuka kwimithandazo kaYesu enentlungu eGadini yaseGetsemane kuye ekubanjweni kwaKhe, "ukuvavanywa," ukugculelwa, ukuthukwa, ukubethelelwa, nokufa, wanyamezela isilingo sentlungu enzima ebulalayo, inkohlakalo, ububi, negunya elicinezelayo. Konke oku kwenziwa kwakubi kakhulu kukuba msulwa, ukuba nyulu, nokulunga kwaLowo wayesiva ubuhlungu ngenxa yako: "usuke wazihluba, wathabatha ubume bomkhonzi, enziwe wafana nabantu; wathi ngemo efunyenwe enjengomntu, wazithoba, waba ngolulamileyo, wada wesa ekufeni, ukufa ke kwasemnqamlezweni!" (Filipu 2:7, 8). Ngokubona ngamehlo ebali losindiso, sibona ubuhle bokuzincama kukaYesu ngenxa yethu, kodwa asimele kubulibala ubundlavini bokubulaleka nentswelo-bulungisa awabuvayo.

Funda: Isaya 53:3–6. Kusixelela ntoni oku ngokwenzeka kuYesu, omsulwa eva ubuhlungu ngenxa yonetyala? Kusinceda njani oku ukuba siyiqonde into awaphumela kuyo uYesu ngenxa yethu?

_____

_____

KuYesu, uThixo uyazi ukuba kunjani ukuba lixhoba lobubi nentswelo-bulungisa. Ukubulawa komsulwa kuyacaphukisa, ukubulala uThixo kungaphezulu. UThixo wazibandakanya nathi kwimeko yokwaphuka nokuwa kangangokuba asiluthandabuzi uvelwano lwaKhe, imfesane, nokuthembeka kwaKhe: "Kuba asinambingeleli mkhulu [uYesu] ungenako ukuvelana nezilwelwe zeth; ke, sinowahendwayo ngeento zonke, ngokufana nathi, engenasono" (Heb. 4:15). Ukutyhilwa okunjalo kwesimilo sikaThixo wethu! Siqala njani kona ukusongela iingondo zethu ngeendaba ezilungileyo ezingoThixo omelwe ngumnqamlezo?

Kuko konke esikwenzela iNkosi, ngakumbi ukufikelela kwabo basweleyo, kutheni kusoloko kufuneka sihlale sikukhumbula ukufa kukaYesu, enguMmeli wethu-ingesithi kuphela, kodwa nabo sibancedayo-kumbindi wesikuthunyiweyo kwakunye nenjongo yako?

_____

_____

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "In the Footsteps of the Master," amaph. 117–124, in *Welfare Ministry;* "Days of Ministry," amaph. 29–50, in *The Ministry of Healing;* "ITempile Ihlanjululwa Kwakhona," amaph. 581–595; "Enkundleni KaPilato Yamatyala," amaph. 722–742, *Ulangazelelo Lwamaphakade*. UThixo usinikile elizwini laKhe ubungqina obupheleleyo bomthetho waKhe. Abo bazikhohlisa ngokuthi unenceba kakhulu ukuba angenza ubulungisa kuboni, kufuneka bakhangele bokuba uza kubohlwaya abagqithi nje eKalvari. Ukufa koNyana kaThixo ongenabala lasono kungqina ukuba "umvuzo wesono kukufa," nokuba konke ukwaphulwa komthetho kufuneka kuzuze imbuyekezo efaneleyo. UKristu ongenasono waba sisono ngenxa yomntu. Wathwala ityala lokreqo, nokusitheliswa kobuso bukaYise, yada intliziyo yaKhe yaphuka, nobomi bakhe batyumka baphela. Wonke lo mbingelelo wenziwa ukuze aboni bahlangulwe. Ayikho enye indlela umntu awayengakhululwa ngayo kwisohlwayo sesono. Kanti ke, wonke umphefumlo owalayo ukuba nenxaxheba kucamagushelo olunikiweyo ngexabiso elingako kuza kufuneka uzithwalele ityala lawo nesohlwayo ngenxa yokugqitha umthetho."—Ellen G. White, *Imbambano Enkulu*, iph. 549.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Funda isicatshulwa sikaEllen G. White apha ngasentla. Thetha ngobunyaniso bentswelo-bulungisa: uKristu, ongenatyala, ebulaleka ngesohlwayo sabanetyala! Kubaluleke ngantoni ukuyigcina phambi kwethu le nyaniso ibalulekileyo?

2. UYesu akazange avakalise uhlaziyo lwepolitiki ukuze azise uhlobo lo"bukumkani" awayethetha ngabo. Ngapha koko, imbali izele ngamabali alusizi kakhulu abantu abasebenzisa ubundlobongela nengcinezelo, konke egameni lokunceda abanyhashiweyo nabacinezelweyo. Amaxesha amaninzi konke okuthe kwafezwa kube ikukubeka uhlobo oluthile lokucinezela endaweni yolunye. Nangona amaKristu enako kwaye kufuneka esebenze namagunya amiyo ukuze azame ukunceda abaxinzelelweyo, kungani le nto kufuneka ekulumkele ukusebenzisa ipolitiki ukufeza ezi njongo?

3. Cinga ngokuqulathwe licebo losindiso. uYesu, olilungisa, ebulaleka ngenxa yabangemalungisa-into etheta umntu ngamnye kuthi. Kungani ukuba lo mbingelo mkhulu, ngenxa yethu, usenze sibe ngabantu abatsha kuKristu?

Isishwankathelo:

EziVangelini umsebenzi kaYesu uvezwe wachazwa ngokuxelwe ngumsebenzi wabaprofeti beTestamente eNdala. Iindaba ezilungileyo kumahlwempu, inkululeko kwabacinezelweyo, ukuphiliswa kwabaphukileyo kwakuvakaliswe njengeempawu zikaMesiya [uMthanjiswa] –uYesu awazibonakalalisa kuko konke ukusebenza kwaKhe. Kanti ke, ekufeni kwaKhe, naYe waluva ulwamvila lokungabikho kobulungisa wathi ekugqibeleni woyisa okona kubi okwenziwa luluntu oluwileyo nenkohlakalo. Makubulelwe ngokufa kwaKhe okukhohlakeleyo ngenxa yethu, izono zethu zinako ukuxolelwa, saye sinaso isithembiso sobomi obungunaphakade.